URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Redewan Larney**
ICandelo eliyiNtloko leZithili
Redewan.Larney@westerncape.gov.za | 021 467 2337

Inombolo yefayili: 27/R
Isalathiso: 20250401-2131

ISetyhula: 0012/2025
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumagosa akwaNdlunkulu nakwiZithili andwendwela izikolo

Isishwankathelo: *Ukwazisa amagosa ephondo nawezithili andwendwela izikolo ngokuyekwa kokusetyenziswa kweSistim i-Google School Visit Tool kutshintshelwa kwiSistim entsha eyi-Provincial School Visitation System ukususela ngowe-01 Apreli 2025.*

**Isihloko: Ukwazisa iSistim i-*Provincial School Visitation System* (*PSVS*) ukulungiselela ukuba isetyenziswe ukususela ngowe-01 Apreli 2025**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni kufuneka lenze ingxelo ngepesenti yezikolo ezindwendwelwe ngamagosa ezithili ngenjongo yokuzibeka esweni nokunika inkxaso ngobuchule bootitshala. Oku kuquka ukundwendwela izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa njengoko kuchaziwe kwisiCwangciso sokuSebenza (*Strategic Plan*) (*Provincial Output Indicator* 101)) salo sango-2025/2026. Amagosa ephondo nawezithili aquka onke amagosa avela kwiphondo, kwii-ofisi zezithili nakwiisekethe andwendwela izikolo ngeenjongo zokubeka esweni inkqubo nokunika inkxaso ezikolweni. Ukunika inkxaso kubuchule koku kukhankanywe ngasentla kubhekiselele kwiinqununu, kwiiKomiti zoLawulo lweSikolo nakootitshala bezikolo ezifumana inkxaso okanye ukuxhotyiswa ngezakhono kwiinkalo ezichongwe njengenxalenye yemisebenzi engundoqo, umz. ukulawula nobunkokheli, uphuhliso lwezakhono zootitshala, nokufundisa izifundo.

2. Ukundwendwelwa kwezikolo ngenjongo yokuzibeka esweni nokuzinika inkxaso kuya kuphucula ukusebenza, uxanduva lokuphendula nomgangatho wemfundo efundiswa (*schooling offered*) ezikolweni.

3. ISistim entsha ye-*PSVS* yenzelwe ukuphucula izicwangciso, zokubeka esweni inkqubo, zokunika ingxelo yokundwendwela izikolo zamagosa xa eqinisekisa ukuba yonke idatha eqokelelweyo igcinwe ngokukhuselekileyo kwiplatfom ekhuselekileyo nethembekileyo. Inguqu yale sistim intsha ibaluleke ngolu hlobo lulandelayo:

3.1 iphucula ukhuseleko lwedatha – ukuqinisekisa ukuba zonke iirekhodi zokundwendwela izikolo zigcinwe kwiplatfom ekhuselekileyo;

3.2 iphucula ukubekwa esweni nokwenziwa kwengxelo yenkqubo– ukuvumela ukulandelela ukundwendwelwa kwezikolo okusebenza kakhulu nongenelelo ngoncedo ngexesha elifanelekileyo;


3.3 ineendlela ezisebenzayo zokufezekisa ukuthunyelwa kwemiba eyingxaki ezikolweni nokwenziwa kwesicwangciso samanyathelo okulandelela imiba eyingxaki ukuze amagosa akwazi ukuphawula ngokukhawuleza imiba eyingxaki ukulungiselela ukuba kuthathwe amanyathelo afanelekileyo yaye kuqinisekiswe uxanduva lokuphendula ngokulandelelwa kokuba ingaba kuphendulwe ngamaxesha abekiweyo na malunga nemiba eyingxaki; kunye

3.4 nokwenza kuphucuke ukuthathwa kwezigqibo nokwabiwa kwezibonelelo kumanqanaba awohlukeneyo akwinkqubo yemfundo.


4. Intsebenziswano nenkxaso yakho ekusebenziseni iSistim i-*PSVS* ibalulekile ukuze kuphuculwe ukubeka esweni kwenkqubo nomgangatho wokujongana nemiba eyingxaki ezikolweni.

5. ISistim i-*PSVS* ingafumaneka kule linki ilandelayo *URL*: https://psvs.westerncape.gov.za. Xa **kungenwa okokuqala** makulandelwe la manyathelo alandelayo:

5.1. Vula le linki kwibrawuza yakho uze uqhubeke kwi-*login page* ngokuklikha ku-***Login.***



5.2. Kwi-*login page*, klikha ku-***Forgot Your Password.*** Landela la manyathelo kwisikrini yaye i-password yethutyana (*temporary password*) iya kuthunyelwa kuwe nge-imeyili.




5.3 Ngena kwi-*login page* apho uya kungena nge-*Persal number* yakho kunye ne-*password* yethutyana (*temporary password*). Emva koko uya kukwaziswa ngokutshintsha i-*password* yakho. Landela imiyalelo ekwisikrini yaye uqaphele ukuba le yinkqubo efanayo neyokumisela kwakhona i-*password* (*reset*)/yokutshintsha i-*password* yakho.

6. Kucelwa niqaphele ukuba iSistim i-*Google School Visit Tool* ayisayi kufumaneka ukususela ngowe-01 Apreli 2025 ukuya phambili.

7. Iiseshoni zoqeqesho lokuqhelaniswa nenkqubo zenziwe ngoMatshi 2025; nakuba kunjalo ukuba ufuna ukongezelelwa inkxaso kucelwa uqhagamshelane negosa eliyi-*Information Systems Officer* (*ISO*)kwi-ofisi yesithili sakho njengoko kubonisiwe ngezantsi:

| Isithili | Igosa eliyi-*ISO* | Idilesi ye-imeyili |
|---|---|---|
| *Cape Winelands* | Kevin van Eeden<br>Ferrin Stellenboom | Kevin.vanEeden@westerncape.gov.za<br>Ferrin.Stellenboom@westerncape.gov.za |
| *Eden and Central Karoo* | Romelda America<br>Keith Zibi | Romelda.America@westerncape.gov.za<br>Keith.Zibi@westerncape.gov.za |
| *Metro Central* | Anita McGrath | Anita.McGrath@westerncape.gov.za |
| *Metro East* | Buseka Ndinisa<br>Thembeka Dlamini | Buseka.Ndinisa@westerncape.gov.za<br>Thembeka.Dlamini@westerncape.gov.za |
| *Metro North* | Siviwe Mdelo | Siviwe.Mdelo@westerncape.gov.za |
| *Metro South* | Anastasia Kinnear<br>Masixole Stofile | Anastasia.Kinnear@westerncape.gov.za<br>Masixole.Stofile@westerncape.gov.za |
| *Overberg* | Suzanne Braaf | Suzanne.Braaf@westerncape.gov.za |
| *West Coast* | Kurt Lewis | Kurt.Lewis@westerncape.gov.za |

